



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## **SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS**

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)**

**IPHEPHA LESITHATHU (P3)**

**2022**

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: liyure 2½**



**Olu viwo lunamaphepha asi-7.**

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linaMACANDELO AMATHATHU:  

ICANDELO A:	Isincoko	(40)
ICANDELO B:	Umhlathi omde	(20)
ICANDELO C:	Umhlathi omfutshane	(20)
2. Phendula umbuzo omNYE kwiCANDELO ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala icandelo ngaliNYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza uyilo (umzekelo: Imephu yengqondo/isazobe/okanye idayagramu/ iflowutshati/amagama angundoqo, njalo-njalo). Hlela uze uwufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. lingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:
  - ICANDELO A: Imizuzu engama-75
  - ICANDELO B: Imizuzu engama-38
  - ICANDELO C: Imizuzu engama-37
8. Nombola iimpindulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impindulo nganye isihloko esichanekileyo.
10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.



**ICANDELO A: ISINCOKO**

Khetha isincoko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-150–180. Sebenzisa imizuzu engama-75 kweli candelo.

**UMBUZO 1**

- 1.1 Andisoze ndiwulibale loo nyaka [40]
- 1.2 Uthando lwabazali bam [40]
- 1.3 Imini eyayimnandi kakhulu [40]
- 1.4 Izinto endizithandayo ngesikolo sam [40]
- 1.5 Bhala isincoko ngalo mfanekiso ulandelayo. Sinike isihloko esifanelekileyo isincoko sakho.

1.5.1



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-[www.google.co.za](http://www.google.co.za)]

[40]




1.5.2



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-[www.dreamtime.co.za](http://www.dreamtime.co.za)]

[40]

1.5.3



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-[naturesure.co.za](http://naturesure.co.za)]

[40]



1.5.4



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-[www.google.com/supersportnet.za](http://www.google.com/supersportnet.za)]

[40]

**AMANQAKU ECANDELO A: 40**



**ICANDELO B: UMHLATHI OMDE**

Khetha umhlathi omde ube mNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-60–80 (umxholo kuphela). Sebenzisa imizuzu engama-38 kweli candelo.

**UMBUZO 2****2.1 ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umhlobo wakho ileta umbalisele ngepati obuyenzelwe ngabazali bakho.

**[20]****2.2 ILETA ESESIKWENI**

Bhalela utitshala wakho umbulele ngokukunceda kwizifundo zakho ngexesha ubulungiselela iimviwo.

**[20]****2.3 INGXOXO YABABINI**

Bhala ingxoxo phakathi kwabafundi ababini engokusebenza kwabantwana abasebancinci.

**[20]****2.4 INTETHO**

Bhala intetho yokwamkela abafundi baphesheya (*exchange students*) abazokunincedisa kwisifundo sesiNgesi esikolweni senu.

**[20]****AMANQAKU ECANDELO B: 20**

**ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE**

Khetha umhlathi omfutshane ube mNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-40–60 (umxholo kuphela). Sebenzisa imizuzu engama-37 kweli candelo.

**UMBUZO 3****3.1 IKHADI LESIMEMO**

Bhala ikhadi lesimemo umema umhlobo wakho ukuba azokuvuyisana nempumelelo yeqela lemidlalo olithandayo.

**[20]****3.2 UNGENISO LWEDAYARI**

Bhala ungeniso kwidayari lweentsuku ezintlanu malunga namalungiselelo epati yosuku lokuzalwa kwakho.

**[20]****3.3 IMIYALELO**

Bhala imiyalelo yokubhala nokuthumela i-imeyile.

**[20]****AMANQAKU ECANDELO C: 20****AMANQAKU EWONKE: 80**